Isalathiso: 20211004-6445
Inombolo yefayili: 3/3/3/1/1
Imibuzo: IZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0010/2021

Iya : KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaziko emfundo

Isihloko: Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kweNkqubo yoLawulo loMgangatho (*Quality Management System* (*QMS*) ukwenzela ootitshala abasezikolweni ukususela ngowe-01 Januwari 2022

1. Kuya kuqhubeka ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwenkqubo i-*QMS* ukulungiselela bonke ootitshala abasezikolweni ngokusekelwe kwiSigqibo 2 soThetha-thethwano neMibutho yaBasebenzi (*Collective Agreement*) sika-2020, somhla we-17 Septemba 2020, kuwo onke amaphondo ukususela ngowe-01 Januwari 2022.

2. Ukuphunyezwa kwenkqubo i-*QMS* kootitshala abasezikolweni kusebenza kubo bonke ootitshala ukususela kumanqanaba ezithuba *(post levels)* 1,2,3 no-4.

2.1 Uqeqesho olungenkqubo ye-*QMS* olwenzelwe onke amanqanaba ezithuba eNtshona Koloni, luya kugqitywa ungadlulanga owe-29 Oktobha 2021.

2.2 Uyakhunjuzwa ukuba u-2021 ngunyaka wokugqibela wokuphunyezwa kweNkqubo yoLawulo loMgangatho eHlangeneyo (*Integrated Quality Management System) (IQMS*) (ISigqibo 8 soThetha-thethwano neMibutho yeBasebenzi sika-2003, somhla we-27 Agasti 2003).

2.3 Ukuphunyezwa kwenkqubo i-*IQMS* eyenzelwe iitheraphisti neesayikholojisti (*therapists and psychologists*) ezisezikolweni ngokweSigqibo 4 soThetha-thethwano neMibutho yaBasebenzi sika-2005, kuya kuqhubeka nango-2022.

3. Ileta emalunga nalo mba evela kwiSebe leMfundo esiSiseko, yomhla we-19 Septemba 2021, iqhotyoshelwe apha ukwenzela ukuba kubelula ukuyifunda.

4. Ukufumana ingcaciso engaphezulu malunga nokungasentla, wamkelekile ukuba uqhagamshelane nabaququzeleli boLawulo lweNtsebenzo (*Performance Management*) bezithili abadweliswe apha ngezantsi :

Isithili	**Umququzeleli**	**Idilesi ye-imeyili**
Metro Central	Nks Lesley Hutchings	Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za
Metro East	Mnu Craig Paulsen	Craig.Paulsen@westerncape.gov.za
Metro North	Mnu Owen Weeder	Owen.Weeder@westerncape.gov.za
Metro South	Nks Genine Erfort	Genine.Erfort@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mnu Bertram Jacobs	Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za
West Coast	Nks Janine Adonis	Janine.Adonis@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	Nks Yolande Damons	Yolande.Damons@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu Edward Kies	Edward.Kies@westerncape.gov.za

5. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-11-05